Imbongi ye Sizwe Jikelele: *Imvo Zabantsundu* (22 August 1922), page 11

## U Rev.John H. Soga

Kuvakele ukuba umFundisi u John Henderson, into ka Rev. Tiyo Soga ephakathi, ngentokazi enwele nde ka Burnside, izibekile iintambo zomsebenzi, yathatha ukuphumla, emva komxhino omde womsebenzi esidiliyeni se Nkosi. Apho ebekhona ebese Xhora (Miller Mission) Elliotdale, kwelakwa Somvana, kwindawo eyayisekwe ngumkhuluwa wakhe u Dr. Soga, omdala, - u Zilenzi lahlal' ebhotileni!

Indoda le isebenze ngamandlakazi amakhulu, iqalele kowayo kwa Ngqika, evenkileni, nasekuCandeni, kuba ngemfundo yayo yokuqala yayingu Nocanda (Engineer.) Ekubeni iphindelele yasinga kwasemfundweni Phesheya ibuye ngoku seyiphethe i-Ntyilazwi, - yaya kulukhuphela ologadla kwelakwa Baca; iye kwa Bomvana ngokubhubha, komkhuluwa wayo lowo. Apho ishicilele zincwadi, yafundisa, yabhala, yaguqula; imka namhla kukhanya.

UJohn Henderson lo ngunyana ophakathi ka Tiyo, ka Soga, kajotelo, ka Mtika, ka Khonwana um-Jwara, nomphakathi oyintloko kwa Rarabe, kude kuze koo Ngqika noo Sandile; ubuye wayintloko kweze Mfundo ne Lizwi. Mandiyeke gxebe:

Yaphuma nephini layo!

(Ngabula ndlali zebhola)

Yaphuma ngephin' into kaSongcangcashe,

Ka Dolo limdaka kuthandaza, -

Ka Ntong' enembhaxa yase Qaukeni.

Ngubanin' ofunzelene nathi maXhosa,

Eyakuxakwa sidang' entungo?

Ngubanin' onomona sithi,

Akayi kuba nasigaqa-na?

Zizwe walumkelen' ama Xhosa!

Yaphuma nephin' ikwekw' amajwara;

Ikhul’ elinamanci ngaphezulu!

Ixhome yemisa ngamlenze mnye

Kub’ omnye waba lidin’ esizweni

Yabila, yophisa, yabetha. –

Yafuzis’ ama Ngqik’ amadala;

Yena yodwa phakathi kwezizwe,

Ilikhaka nomkhonkotha.

Yashiy’ imikhuthuk’ ekweneni.

Idumis’ iGama le Golgota.

Waphuma nephin’ u Nongadlela!

Phendulani ma Bomvana, yenzan’ izwi,

Yenzan’ izwi mzi ka Gambushe;

Lusapho luka Langa luka Jalambha;

Atsh’ amakwenkw’ aseQawukeni,

Amathol’ emaz’ enwele zinde;

Atsh’ amakwenkw’ omzi ka Phalo,

Ka Tshiwo ka Ngconde ka Togu!

Ase njengamhla ngo Ngqungqushe,

Mhla sanolulel’ iphiko nangena!

Yaphuma nephin’ ikwekw’ ase Gwali!

Ndakhumbhul’ imihla yooTshemese;

Imihla yoo Lanke noo Madelimeni

Imihla yokwabiwa kwe Lizwi.

Mhla kwahlokom’ emiweweni,

Bathotyw' aba Twa emaxandekeni,

Zahlanjw' iingulub' ezindakeni.

Wat' umntu "Qhuban' i Ndaba zihambe,

Vuthelan' ixilongo nina bantu Bakhe, -

Lxilongo le Zwi Lakhe lihlokomiseni!"

Yaphuma nephin' ikwekw' akwa Khonwana!

Kuba "Lomzi ka Khonwana siwubizile."

Hay' ama Ngqik' abaf' abangevayo, -

Amadela kuf' ase phakadeni?

Into zoo Koyi, Ntintili, Mngunana,

Int' ezafel' ezintlangeni.

Zatsho kwakhany' ezinyameni.

Phendula mfondini ka Qhosho, -

Phendulel' ama Bomvana ngabantwana:

Nithinina namhla ngathi ma Ngqika?

Waphuma nephin' umfo wakwa Somandla!

Wacand' ulwandl' eya kuphumla.

Laye likhal' izwi ngasemva:

"'Sivuno sininz' abasebenzi bambalwa!"

Phofu siyazi, "Asin' ededelana;

Kunjalo kwezomhlaba nezezulu.

Lomkhonto washiywa ngu Jotel' e Malinde;

Washiywa ngu Soga e Nciba;

Namhl' uJohn uwushiy' eXhora.

“Bizan’ abasebenzi nibamkelise!’

Umka wena ngexa lomnyama;

Bona bofika ngo Zatshoba;

Bofika ku Mpondo zankomo;

Bagqube kuphume nelanga.

Taruni mabandl’ akowethu!

Ndizekene nomhlab’ ukuthamba.

Hamba ngoxolo mfo ka Tiyo;

Nok’ uya kwizwe lasemzini.

Obuy’ akujik’ amathongo,

Ukhumbhul’ umyolelo ka Tiyo.

Sibulel’ izipho ze Baibile,

Namany’ amabhaso kayihlo,

Asaza kunced’ iimbhedlenge, -

Thina akufiwa kwa Xhosa!